



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2014**

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELWEYO – P1  
IMEMORANDAM**

AMANQAKU:                   80

---

Le memorandam inamaphepha ali – 9.

---

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiwa kwinqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/inqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO.
5. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
6. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakali esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
7. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini-mathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
8. Kwamkele ukwahluka kwendlala yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
9. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### 1.1 ISICATSHULWA 1

- 1.1.1 Zicawa ezimbini. √ (1)
- 1.1.2 Kwakungekavulwa √ kwaNokholeji apho uZwelinzima wayeza kufunda khona. √ (2)
- 1.1.3 Ngumntu ongayikholelwayo imeko akuyo. √√ (2)
- 1.1.4 C √/C uva ilizwi lakhe ezindlebeni zakhe√/uva ilizwi lakhe ezindlebeni zakhe. √ (1)
- 1.1.5 UThembeka wayebhanxekile, √ “engazi nokuba uphambene, nokuba usenengqondo yakhe” √ (2)
- 1.1.6 Wayefuna ukuqiniseka√ ukuba ngenene uMphuthumi wayekhe wathetha naye. √ (2)
- 1.1.7 Ngamazwi okuzixolisa kuba uThembeka wayefuna ukuba mawabe yinyani la mazwi. √ (1)
- 1.1.8 “bemshiya ebuxakaniseka” √√ (2)
- 1.1.9 Wayenesazelā√/ wayenento emkhathazayo √/ wayenexhala. √ (1)
- 1.1.10 Bendiya kuvuya kuba isithandwa sam besiya kube siwongiwe. √√

### OKANYE

Bendiya kukhathazeka kuba ndingazalwa yinkosi ndicinge ukuba uza kundishiya. √√

[Nayiphi na impendulo efanelekileyo iya kwamkeleka]. (2)

- 1.1.11 Babevana kakhulu √/babengabahlobo abathandana kakhulu √/ Babesazana kakhulu. √ (1)
- 1.1.12 Ecothoza √ (1)
- 1.1.13 Wayendwendwele uThembeka. √ (1)
- 1.1.14 Kukuba uMphuthuma wayede wayithetha kwakhona le nto kukudala eyicinga yena Thembeka. √ (1)
- 1.1.15 Sisingqala u “Mhmm” ophindaphindwayo. √√ (2)
- 1.1.16 Libonisa ukuba uZwelinzima ulikroti kuba wabulala ingwe √√/ ulincoko kuba ayikholeki yonke le nto ayibalisayo √√/ulikhalipha kuba kakade enegazi(ezalelw) ebukhosini. √√ (2)

## **ISICATSHULWA 2: OKUBONWAYO**

- 1.2 1.2.1 Ngumdlalo weqakamba√/khilikithi √ (1)

1.2.2 Umele amazwe onke ehlabathi. √ (1)

1.2.3 NguSiwela. √ (1)

1.2.4 Ukungenelela kweqela leqakamba loMzantsi Afrika kwindebe yehlabathi nexhala√abanalo abadlali. √ (1)

1.2.5 Uxhalabile √/usexhaleni √/ufuna kude kuqualiswe umdlalo ukuze bazibone ukuba bemi ngaphi na. √ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****Ukumakisha isishwankathelo**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: 10

**Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi engaachaphulanga ngqo:**

- 1 – 3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4 – 5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6 – 7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi echapule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

<b>AMAZWI ACATSHULWE NJENGOKO ENJALO</b>		<b>AMAZWI ASHWANKATHELWEYO</b>	
1.	Iakhawunti edityanelweyo isengasebenza ekwabelaneni ngamatyala kodwa busekho ubungozi.	1.	Nangona kukuhle ukudibanisa iakhawunti, ubungozi buninzi.
2.	Lo ozisa imali eninzi angakhathazeka xa efumanisa ukuba iqabane lakhe lisebenzisa imali eninzi kunale liyingenisayo.	2.	Onemali eninzi eakhawuntini angakhathazeka kukuxhamla kancinci kwingeniso yakhe.
3.	Omnye okanye nobabini ningaziva ningakwazi ukuya lula emalini yenu, kumele kubekhona ophethe icandelo lentengo kwaye nalowo angaziva ecaphuka kuba enomsebenzi omninzi.	3.	Akululanga ukuya eakhawuntini yakho. Onoxanduva lokujongana nokuthenga uziva ebulaleka kakhulu.
4.	Akukho zimfihlo kwiakhawunti edityanisiweyo. Iqabane lakho lingathenga into ebizayo ngaphandle kolwazi lwakho kwaye ukwazi oku ngendlela ebuhlungu xa kusithiwa akukho mali.	4.	Ungasesichengeni sokufika imali iphelile, liyisebenzise yonke iqabane lakho.
5.	Ngaphambi kokudibanisa iakhawunti qiniseka ukuba ilungile ingxelo yamatyala eqabane. Ukuba omnye wenu unengxelo embi yamatyala, akuloncedo ukuba nidibanise iakhawunti kuba niza kudityaniswa nangengxelo.	5.	Kubalulekile ukulungisa iingxelo zamatyala enu phambi kokuba nizidibanise iiakhawunti.
6.	Kufuneka niqonde ukuba nidibanise izinto ezininzi kuyo yonke into eniyenzayo. Oku kuthetha ukuba nabelana ngamatyala. Ukuba buyaphela ubudlelwana kwaye omnye unetyala, oko kungachaphazela imeko yakho yokuvula elinye ityala.	6.	Ukudibanisa izinto kunganobungozi xa nisohlukana kubenzima ukuziqalela elinye ityala.
7.	Nakuba abanye beyibona le akhawunti njengokuzinikela okungemnandanga, iakhawunti edityanisiweyo isengaba yindlela ebhetele yokuphatha imali.	7.	Nangona abanye abantu bengayithandi le mbopheleleko yeakhawunti, iyanceda ekulawuleni imali.

(Inani lamagama = 60)

**AMANQAKU ECANDELO B:** 10

## **ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

### **Ukumakisha iCandelo C**

#### 1. Upelo

- Impendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebalwe ngokupheleleyo.

### **UMBUZO 3**

#### **ISIBHENGEO-NTENGISO**

- |     |   |             |
|-----|---|-------------|
| 3.1 | Kuthengiswa isuphu iKnorr. √  | (1)         |
| 3.2 | Kabantu abathanda ukupheka√/kabantu abathanda ukungenela ukhuphiswano. √  | (1)         |
| 3.3 | Kukutsala abathengi√/ukunika umdla kumfundi wesibhengezo√/ukubonisa umsebenzi wale suphu ithengiswayo. √                              | (1)         |
| 3.4 | Sisihloko sesibhengezo √√/kwenzelwa ukuba umthengi aqaphele ukuba kuthengiswa ntoni. √√   | (2)         |
| 3.5 | D √/Ulwimi oluqhathayo √  | (1)         |
| 3.6 | Yimali umntu anokuyizuza xa enokuphumelela kukhuphiswano nokuvela neresiphi yakhe kwimagazini elandelayo. √√                          | (2)         |
| 3.7 | Ebusika kuba kumnandi ukutya okunenyama xa kubanda √√/nanini na xa usirhalela. √√<br>[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]. | (2)<br>[10] |

**UMBUZO 4**

- 4.1 4.1.1 UMedem ufuno ukuya ekhitshini uAnti(uEve) akafuni anyathele agqithe kuba esithi ugqiba kukorobha ude amheshe nangezandla. √√ (2)
- 4.1.2 Ibonisa ukudikwa kakhulu nokuncitheka. √ (1)
- 4.1.3 Ukuba ungumntu olincoko nongazoyikiseliyo. √√ (2)
- 4.1.4 liponti ezintlanu√/ishumi leerandi√/iirandi ezilishumi.√ (1)
- 4.1.5 Ukugxininisa. √ (1)
- 4.1.6 KwisiNgesi √/kwisiLungu. √ (1)
- 4.1.7 Udanile kuba ubo ngayilindelanga le mpendulo.√√ (2)
- [10]**

**UMBUZO 5**

- 5.1 5.1.1 Yena. √ (1)
- 5.1.2 Ukubonisa ukuba umntu wenzela omnye into √/umakhulu wenzela abantwana iintsomi.√ (1)
- 5.1.3 Lubaxo. √ (1)
- 5.1.4 Ngorhatya √ - isihlomelo sexesha. √ (2)
- 5.1.5 Kwisifanekisozwi. √ (1)
- 5.1.6 Imo yentsusa. √ (1)
- 5.1.7 Kushiywe iceba kuba lilandela emva kwesalathisi. √ (1)
- 5.1.8 Le mpatho yabenza bandweba bazigcina kanobom iintsomi. √√ (2)
- 5.1.9 5.1.9.1 B √/Alukho uxolo kuyaliwa √ (1)
- 5.1.9.2 C √/Ukuba krelekrele√ (1)
- 5.1.10 Abantwana. √ (1)
- 5.1.11 nokuqequesha. √ (1)

- 5.2 5.2.1 Ulutsha usebenze njengentloko yesivakalisi, √ Iu- sisivumelanisi sentloko. √ (2)
- 5.2.2 Ulutsha aluziphakamiselanga phezulu izandla. √ (1)
- 5.2.3 Umlisela nomthnjana uza kubhiyozela ukuvota okokuqala ngo-2014. √ (1)
- 5.2.4 Ulutsha luthi, √ “√bantu siyanikhuthaza nonke ukuba nivote √” √/ “√siyanikhuthaza nonke bantu, votani”. √√ (2)
- [20]**

**AMANQAKU ECANDELO C:** 40  
**AMANQAKU EWONKE:** 80